

# Ukuphendula imibuzo yakho

Malunga nokukhululwa kolwabiwo lwesabelo sakho kwiTrasti yeThusano

## Mxhamli Othandekayo weTrasti yeThusano

Inokuba sowuvile ukuba iTrasti yeThusano iza kube isenza kufumaneke izabelo ngowe-1 Disemba 2025. Olu xwebhu luyilelwe ukukunika imvelaphi ngeTrasti yeThusano kwaye lucacise ukuba ithetha ntoni na le nkqubo yokufumaneka kwezabelo kuwe njengomxhamli.

## Imvelaphi

Ngo-2010, iGold Fields yaseka isikim sokhetho lwezabelo sabasebenzi ekuthiwa yiTrasti yeThusano.

Abasebenzi beebhendi zePatterson A, B no-C, abaphangele kwiGold Fields iintsuku ezingama-30 okanye ngaphezulu ngowe-1 Disemba 2010, banikwa izabelo kwiGold Fields.

Mva, aba baxhamli banye banikwa izabelo kananjalo kwiSibanye-Stillwater. ITrasti yeThusano yamiselwa ukuze igcine ezi zabelo iminyaka eli-15. **Zonke ezi zabelo ziza kufumaneka ngowe-1 Disemba 2025.**

## Kuthetha ntoni ukufumaneka kwezabelo?

Nakuba iTrasti yeThusano ibigcine izabelo zakho de kube ngoku, emva kokufumaneka kwazo izabelo ngowe-1 Disemba 2025, kuthetha ukuba izabelo ngoku ziza kugcinwa nguwe, umxhamli, kwaye ungenza isigqibo sokuba ufuna zihlawulwe okanye zidluliselwe kuwe na, ukusukela ngowe-1 Matshi 2026.

**INYATHELO ELIFUNEKAYO:** Njengomxhamli, kufuneka uxelele iTrasti yeThusano ngowe-22 Novemba 2025 ukuba loluphi na ukhetho olukhethileyo. Imibuzo neempendulo ezilandelayo zenzelwe ukukhokela wena kule nkqubo.

## KWENZEKA NTONI NGOMHLA WOKUFUMANEKA KWEZABELO?

Umhla wokufumaneka kwezabelo ngumhla lowo lifikelela esiphelweni ngawo ithuba leminyaka eli-15 kwaye abanini zabelo banokufaka amabango exabiso lezabelo zabo. Phambi kowe-22 Novemba 2025, kufuneka ukhethe into ofuna ukuyenza ngezabelo zakho:

| 1 | okanye | 2 | okanye | 3 |
|---|---|---|---|---|
| Ukuthengisa zonke izabelo zakho — ufumane ixabiso lekheshi (emva kokutsalwa kwerhafu nemali ehlawulwayo) kwiakhawunti yakho yebhanki. | | Ukugcina izabelo zakho — dlulisela zonke izabelo zakho kwiakhawunti ngomthengi nomthengisi wezabelo omkhethayo. | | Ukuzenza zombini — uthengise ezithile kwaye ugcine eziseleyo. |

Ngalo lonke loluthathu ukhetho, kuza kutsalwa iirhafu kunye neendleko zolawulo, kwaye ezi ziza kutsalwa phambi kokuba kwenziwe intlawulo okanye udluliso.

Kukhetho lwesi-2 nolwesi-3 umxhamli mhlawumbi angenza oku:

- ukuhlawula inxenye yerhafu kwangaphambili kwaye abuthathele kuye ubunini zabelo;
- okanye athengise ezithile zezabelo zakhe ukuze ahlawule irhafu neendleko, okuthetha ukuba izabelo zakhe ezidluliswayo ziza kuba ngaphantsi kwisixa sokuqala, oko kukuthi, oko kusalayo emva kokuhlawula irhafu kunye nemali ehlawulwayo.

**Iintlawulo kunye nodluliso ziza kuqala ngowe-1 Matshi 2026.**

**OKUBALULEKILEYO:** Ukuba akukho nto uyenzayo ngowe-22 Novemba 2025, izabelo zakho ziza kuthengiswa ngokuzenzekelayo, kwaye emva kokutsalwa kwerhafu ikheshi iza kuhlawulwa kwiakhawunti yakho yebhanki erekhodiweyo, emva kowe-1 Matshi 2026.

### Uluhlu lwezehlo ezibalulekileyo ezilandelelana ngokokwenzeka kwazo

**01**
Umhla omiselweyo wokwenza ukhetho lwakho (ukukhetha) - 22 Novemba 2025

**02**
Umhla wokufumaneka kwezabelo zeTrasti yeThusano – 1 Disemba 2025

**03**
Iintlawulo kunye nodluliso zeTrasti yeThusano zisiya kubaxhamli – ukusukela ngokwe-1 Matshi 2026

## Ukwenza ukhetho lwakho

**Q** Ndiyixelela njani iTrasti yeThusano ukuba loluphi ukhetho endilukhethayo?

**A** Xa wawusiba ngumxhamli weTrasti yeThusano, wayilelwa iprofayile kwiwebhusayithi ye-JSE Investor Services (JIS). Zonke iinkcukacha zezabelo zakho zinokubonwa kule phothali ye-JIS.



Eyona ndlela ilula yokwenza ukhetho lwakho kungeintanethi ngale phothali usebenzisa iinkcukacha zakho zokungena. Ngena ku: https://www.investecss.co.za/thusano/account/logon

Ukuba awunalo ufikelelo lweintanethi, ungenza oku:

- Tsalela umnxeba i-JIS ku-**086 125 5525** okanye **086 143 3659** (ungacela ukutsalelwa umnxeba ngolwimi olukhethayo)
  NgoMvulo – ngoLwesihlanu: 08:00 – 19:00
  Mgqibelo: 09:00 – 14:00
- Uthumele u '**Please Call Me**' ku **083 680 0079** (ukutsalelwa umnxeba ngeentsuku zeveki kwiiyure ezingama-24).
- Usebenzise ikhowudi ye-USSD ***120*1138#** kumnxeba wakho weselula (kwabo banee-ID zaseMzantsi Afrika)
- Uthumele i-imeyile ku thusano@jseinvestorservices.co.za ngoncedo.
- Utyelele iofisi yakho ekufutshane yakwaTeba.

Ngaphandle kwaseMzantsi Afrika: Tsalela umnxeba i-JIS ku: **+27 11 713 0000** okanye thumela umyalezo obhaliweyo ku **+27 83 680 0079** kwaye ucele ukutsalelwa umnxeba

### Kwenzeka ntoni xa ndingasazikhumbuli iinkcukacha zam zokungena?

Akukho ngxaki. Yiya kwiphothali ye-JIS: **https://investecss.co.za/thusano/account/logon** kwaye usebenzise inombolo yakho yomsebenzi okanye inombolo ye-ID. Kuza kufuneka uphendule imibuzo ethile elula yokhuselo, phambi kokuba inkqubo ikunike ufikelelo kulwazi ngezabelo zakho.

### Kwenzeka ntoni xa ndikhetha ukuzithengisa izabelo zam?

- Ukuqinisekisa kwi-intanethi oku, okanye nge-JIS.
- Qiniseka ukuba iinkcukacha zakho zebhanki zichanekile.
- Ukusukela ngowe-1 Disemba 2025, iTrasti iza kuzithengisa izabelo zakho, ihlawule imali ehlawulelwa ulawulo, ihlawule irhafu ku-SARS, ize ke, ukusukela ngowe-1 Matshi 2026, ihlawule intsalela kwiakhawunti yakho yebhanki.

**OKUBALULEKILEYO:** Ukuba azichanekanga iinkcukacha zakho zokubhanka, ngeke uyifumane imali yakho.

### Kwenzeka ntoni xa ndikhetha ukuzidlulisa izabelo zam?

- Kufuneka uvule iakhawunti kumthengi nomthengisi wezabelo (ibhanki yakho inokukunceda ukwenza oku, okanye inokukuthumela i-JIS).
- Ukusukela ngowe-1 Matshi 2026, iTrasti yeThusano iya kuzidlulisela ngqo kwiakhawunti yomthengi nomthengisi wakho wezabelo yakho izabelo zakho emva kokutsalwa kwemali ehlawulwayo kunye nerhafu.

**Icebiso:** Kugcwalise kusekwangoko ukwaziswa komthengi nomthengisi wakho wezabelo ukuze iakhawunti yakho ibe seyilungile ngexesha lokudlulisa lowe-1 Matshi 2026

### Kwenzeka ntoni ukuba ndithengisa izabelo ezithile kwaye ndidlulise izabelo ezithile?

- Qinisekisa ne-JIS ukuba zeziphi izabelo ofuna ukuzithengisa
- Vula iakhawunti kumthengi nomthengisi wezabelo ngezabelo ofuna ukuzidlulisa
- Ukusukela ngowe-1 Matshi 2026, iTrasti yeThusano iza kuzithengisa izabelo okhetha ukuzithengisa ize ihlawule intsalela kwiakhawunti yakho yebhanki emva kokutsalwa kwemali ehlawulwayo kunye nerhafu ize idlulisele eseleyo, emva kokutsalwa kwemali ehlawulwayo kunye nerhafu, ngqo kwiakhawunti yomthengi nomthengisi wakho wezabelo.

### Kwenzeka ntoni xa ndingakhethi kwaphela?

Ukuba awulwenzi ukhetho lwakho ngowe-22 Novemba 2025, ukhetho oluzenzekelayo luza kusebenza:

- Zonke izabelo zakho ziza kuthengiswa
- Ikheshi iya kuhlawulwa kwiakhawunti yakho yebhanki emva kokutsalwa kwemali ehlawulwayo kunye nerhafu.

### Ndazi njani ukuba loluphi ukhetho olungcono kum?

Ungajonga ulwazi ukuze wenze isigqibo esisekelwe elwazini:

- Tsalela umnxeba i-JIS: **086 125 5525 / 086 143 3659**
- Thumela i-imeyile ku: **thusano@jseinvestorservices.co.za**
- VTyelela iwebhusayithi esemthethweni yeTrasti eThusano ku **www.thusanotrust.org**
- Thetha necandelo lakho le-HR eGold Fields okanye eSibanye-Stillwater.

## UKUFANELEKA

### Ndazi njani ukuba ndingumxhamli?

- Kunokwenzeka ukuba ungumxhamli ofanelekileyo ukuba:
- Ubuphangela eGold Fields eMzantsi Afrika ubuncinane inyanga enye ngowe-1 Disemba 2010
- Ubukwibhendi yePatterson A, B okanye C
- Usayine kwaye wamkela iofa yokuqala yesabelo

Ukuba oku kuyangena, kodwa ulahlekene noqhagamshelwano, tsalela umnxeba i-JIS ukuqinisekisa.

### Zixabisa malini izabelo ngoku kwaye yimalini endingalindela ukuzithengisa ngayo izabelo zam?

Ixabiso lezabelo liyatshintsha usuku nosuku, ngokusekelwe kumaxabiso ezabelo eGold Fields neSibanye-Stillwater kwiJohannesburg Stock Exchange (JSE). Xa iTrasti yeThusano ithengisa izabelo, oko kuya kwenziwa kwithuba leentsuku kwaye ixabiso lesabelo kwezo ntsuku liza kuba yiavareji ukuze umxhamli ngamnye afumane ixabiso elifanayo ngesabelo kwintengiso yezabelo zakhe.

Intlawulo ke iya kuthi yohluke kuphela ngokomxhamli ekubeni zizabelo ezingaphi na anazo.

Khumbula ukuba inani lezabelo ozinikweyo belixhomekeke ekubeni uphangele ixesha elingakanani na eGold Fields ngowe-1 Disemba 2010. Ungalandela ixabiso lezabelo leenkampani ezimbini kwiwebhusayithi yeTrasti yeThusano: **www.thusanotrust.org**.

**Q** **Ndiza kutsalelwa irhafu engakanani xa ndithengisa okanye ndidlulisa izabelo zam?**

**A** ITrasi yeThusano iza kusebenzisa umyalelo weNkonzo yeRhafu yoMzantsi Afrika (South African Revenue Services) (SARS) eza kukhokela ukuba yirhafu engakanani na eza kuthathwa kwintlawulo yakho phambi kokuba ihlawulwe kuwe. Emva kokuba belwenzile ukhetho lwabo abaxhamli ngowe-22 Novemba 2025, uza kuhlala usaziswa ngesimo sentlawulo yakho nexesha lentlawulo kunye neempembelelo zerhafu. Kuza kusebenza kwale ndlela inye kubaxhamli abahlala ngaphakathi okanye ngaphandle koMzantsi Afrika.

Emva kwentlawulo, uza kufumana isatifiketi serhafu esibonisa iirhafu ezihlawulwe ku-SARS.

**Q** **Ukuba zifumaneka ngowe-1 Disemba 2025 izabelo, kutheni ndifumana iinzuzo kwiakhawunti yam yebhanki ngoMatshi ka-2026?**

**A** Inkqubo yokufumaneka kwezabelo iqala ngowe-1 Disemba 2025 kwaye iTrasti yeThusano kunye nabalawuli bayo bafuna ixesha lokuthengisa zonke izabelo, ukuhlawula iirhafu eziyimfuneko kunye nokusebenza ngolawulo ukuqinisekisa ukuba umxhamli ngamnye ufumana oko kulindeleke kuye kwaye ngokokhetho lwakhe. Eli thuba livunyelwe kuXwebhu olusemThethweni eliSeka iTrasti.

## IIMEKO EZIKHETHEKILEYO

**Q** **Kuza kwenzeka ntoni ukuba uswelekile umxhamli?**

**A** Umabi welifa okanye usapho lungaqhagamshelana ne-JIS noku:

- I-ID yomntu oswelekileyo
- Inombolo yomsebenzi
- Ubungqina bolwabiwo lwezabelo (ukuba buyafumaneka)
- Isatifiketi sokusweleka
- Amaxwebhu asemthethweni omabi welifa (ukuba akhona)
- I-JIS iya kukukhokela kwinkqubo.

## UKUQONDA UBUQHETSEBA

Ngalo naliphi na ixesha abantu beza kufumana imali, kuza kuba khona abantu abafuna ukubaqhatha kwaye bafumane iindlela zokuthatha imali ebantwini abachanekileyo abayifumanayo.

Kubaluleke kakhulu ukuba uthathe kuphela icebo elivela kwimithombo ethembekileyo equka leyo ixelwe ngezantsi.

**Q** **Ndazi njani ukuba imiyalelzo ebhaliweyo / ii-imeyile endizifumana kwiTrasti yeThusano zezokwenyani okanye zezobuqhetseba?**

**A** **Bulumkele ubuqhetseba. ITrasti yeThusano ne-JIS:**

- Ngeke bakucele ukuba uhlawule imali ukuze ufumane intlawulo
- Ngeke bakucele ukuba usebenzise iakhawunti yebhanki yakhe nabani na ongomnye

**Themba la majelo kuphela:**

- Iphothali neziko leminxeba le-JIS
- Iwebhusayithi esemthethweni yeTrasti yeThusano
- Iiofisi zakwaTeba
- Unxibelelwano oluvela kwiGold Fields okanye iSibanye-Stillwater

**Ukuba ukrokrela ubuqhetseba:**

- Tsalela umnxeba i-JIS: **086 125 5525 / 086 143 3659**
- Umyalezo obhaliweyo: **+27 83 680 0079**

Nceda uqaphele ukuba ngaphandle kokuhlawula irhafu ku-SARS kwintlawulo yakho, kunye nayo nayiphi na imali ehlawulelwa ulawulo kwi-JIS, leyo iTrasti YeThusano iza kuyenza egameni lakho, akuyi kuba khona mfuneko yokuhlawula nayiphi na imali ukuze ufumane intlawulo. Ungaqhathwa ukuba uhlawule nawuphi na omnye umntu okanye iqela ukuba bakuncede, okanye wenze ukuba intlawulo yakho ihlawulwe kwiakhawunti yebhanki yakhe nabani na ngaphandle kweyakho.

Jonga ulwazi olubalulekileyo oluthe vetshe malunga namanyathelo abhekisele kwintlawulo yokugqibela okanye udluliso lwezabelo ngejelo lakho lonxibelelwano olikhethileyo, ngokukhangela iwebhusayithi yeTrasti yeThusano ku **https://www.thusandotrust.org** okanye ngokuqhagamshelama ne-JIS ngexa leeyure zokusebenza ngokutsalela umnxeba ku: **086 125 5525** okanye **086 143 3659**; okanye ngokuthumela i-imeyile ku **thusano@jseinvestorservices.co.za**.

**KHUMBULA:** Eli lithuba lakho. Yenza ukhetho lwakho ngowe-22 Novemba 2025 ukuze kusetyenzwe ngezabelo zakho ngendlela oyifunayo.

Iiofisi zakwa-TEBA zixhotyiselwe ukunika ulwazi malunga nenkqubo yokufumaneka kwezabelo kunye nokuqinisekisa isimo sabaxhamli. Jonga uluhlu olungasezantsi ngeofisi ekufutshane kuwe.

| Uluhlu lweeofisi zakwaTeba | | | |
|---|---|---|---|
| **Igama lesayithi yakwaTEBA** | **Contact no** | **Iidilesi zezitalato** | **Ummandla kaTEBA** |
| **Molepolole** | 002675910592 | Khunou ward, Molepolole opposite Modiba Mortuary | Botswana |
| **Palapye** | 002674920307 | Serorome Ward, Palapye, Total filling station Complex | Botswana |
| **Carletonville** | 0187874031 | 02 Palladium St, Carletonville | Carletonville |
| **Witbank** | 0136902333 | Cnr Mandela & Wooltenade, Entrance no 5, Office No B10 | East Rand |
| **Bizana** | 0660669145 / 0392510200 | Erf 153 Main St, Bizana | Eastern Cape |
| **Butterworth** | 0474011820 | Unit 15, Bangalow Mall, Meriman st | Eastern Cape |
| **King William's Town** | 0436059171 | No1 Bridge St, West Bank , King Williams Town | Eastern Cape |
| **Lusikisiki** | 0392531341 / 0736662968 | Erf 130 Main St, Lusikisiki | Eastern Cape |
| **Matatiele** | 0397373090 | 27 Green St, Matatiele 4730 | Eastern Cape |
| **Mount Frere** | 0392550119 | 213 Madzikane St Mount frere, Behind Total Garage | Eastern Cape |
| **Mthatha** | 0475041364 / 0656652498 | No 9 York Road, Teba building Mthatha | Eastern Cape |
| **Ngcobo** | 0475481341 | Erf 213 High St, Ngcobo | Eastern Cape |
| **Umzimkulu** | 0392590110 | Shop 25A Umzimkulu Mall, Bird St | Eastern Cape |
| **Mbabane** | 0026824042884 | Mbabane/Manzini Road, Mbabane Market, Cnr Mahlokohla st, next Campus Crusade | Eswatini |
| **Nhlangano** | 0026822077417 | Mshengu St, opposite Build-it, next to old FNB | Eswatini |
| **Sterkspruit** | 0516110015 | 88 Cnr Main Zastron street, Sterkspruit opposite FNB Bank | Free State |
| **Witsieshoek** | 0587130928 | 9093 Motebang St, Qwa-qwa opposite Manapo Regional Hospital | Free State |
| **Johannesburg** | 0113536172 / 0113536000 | Cnr St David's Place, 18A Girton Rd, Parktown, Johannesburg, 2193 | Head Office, Johannesburg |
| **Klerksdorp** | 0180070616 | 17 Neethling St, Stilfontein, 2551 | Klerksdorp |
| **Mkuze** | 0355731108 | Lot 27 Fish eagle Road, Mkuze. next to statistics offices | KZN |
| **Nongoma** | 0358310301 | Lot 13 Nongoma Main Street | KZN |
| **Leribe** | 0026622400222 | Hlotse Main st, opposite cashbuild Leribe | Lesotho |
| **Mafeteng** | 0026628700177 | Main South road, Opposite Passport office, Mafeteng | Lesotho |
| **Maseru** | 0026628314897 / 0026628319089 | 226 Moshoeshoe Road, Opposite Lerotholi poly Technic, Maseru | Lesotho |
| **Mohale's Hoek** | 0026622785203 | Mofoso st, opposite old pep store, Mohale'shoek | Lesotho |
| **Mokhotlong** | 0026622920248 | Thaba-Bosiu, next to Taxi rank Mokhotlong | Lesotho |
| **Qacha's Nek** | 0026622950206 | Motse-Mocha, Next to Lesotho Funeral Services | Lesotho |
| **Quthing** | 0026622750204 | Opposite Thaba-bosiu Road, Upper Moyeni, Quthing | Lesotho |

| Uluhlu lweeofisi zakwaTeba | | | |
|---|---|---|---|
| **Igama lesayithi yakwaTEBA** | **Contact no** | **Iidilesi zezitalato** | **Ummandla kaTEBA** |
| **Burgersfort** | 0132318163 | Cnr R37/R555, Platcorn centre | Limpopo |
| **Bushbuckridge** | 0715404002 | Shop 28 Twin City Complex, Main Rd, Bushbuckridge | Limpopo |
| **Chibuto** | 00258843680135 / 00258825857413 | Bairro Cimento, Avenida Eduardo Mondlane. (Front of Movtel Office) | Mozambique |
| **Chokwe** | 00258828225210 | Avenida De Mocambique, Near Driving school Chokwe. 1º Bairro De Chokwe | Mozambique |
| **Maputo** | 0025821400937 / 0025821400951 | Avenida Josina Machel 1302, Bairro Alto Mae, Cidade Maputo. | Mozambique |
| **Maxixe** | 0025829330029 | Av. Bispo Almeida Penicela-Rumbana-Maxixe. (Also known as Rua Da Wenela) | Mozambique |
| **Xai-Xai** | 0025828225329 | Neighbourhood 7, Koka Missava, Wenela street | Mozambique |
| **Mahikeng** | 0183812415 | 32 Warren St, Mahikeng, 2745 | North West |
| **Vryburg** | 0539280900 | 27A Decock St, Vryburg | North West |
| **Rustenburg** | 0145660205 | 70 Cnr Lucas & Bosch St, Rustern | Rustenburg |
| **Welkom** | 0573552271 | 323 Jabez Building ,Stateway, Welkom | Welkom |